

Yitsho oku

“Ndinako ukubona ukuba usebenze nzima kakhulu koku!”

Yitsho oku kuba kunceda abantwana bakho ukuba baqonde ukuba uwuxabisile umgudu wabo.

“Kukhangeleka ngathi eli lixesha lokuzama indlela entsha.”

Yitsho oku kuba kwenza abantwana bakho ukuba baqonde ukuba balawula iziphumo ngokwenza izigqibo.

“Ndiyathanda ukukubukela usenza loo nto.”

Yitsho oku kuba kuvakalisa umyalezo wokwamkelwa komsebenzi abawonwabelayo ukubenza, kungakhathaliseki ukuba sithini isiphumo.

Yayinzima kakhulu loo nto. Umzamo wakho ube yinzuzo! Kwixesha elizayo uya kukuwulungela lo mngeni!”


Yitsho oku kuba ukukhumbuza abantwana malunga nendlela yokoyisa imingeni, ngokwenza umzamo omkhulu; kubethelelwe ukukhula kwengqondo.

“Ayilunganga loo nto. Akukayiqondi le nto wena okwangoku. Ngawaphi amacebo onokuwazama ukuyiqonda bhetele le nto?”

Kutsho oku kuba kubalulekile ukunyaniseka malunga nokwaziwa nokungaziwa ngumntwana wakho, kodwa kwakhona ucacise ukuba uyakholelwa kubuchule babo bokuphucula.

INDLELA YOKUCINGA ENOKUTSHINTSHWA

Isikhokelo sabazali



Ukungaphumeleli neempazamo = Ukufunda

Usebenze nzima ukuba ngumbhali obalaseleyo. Kufuneka uzivavanye ngokucela umngeni kwiklasi engaphezulu nokufunda into ethile ongekakwazi ukuyenza okwangoku.”

Kutsho oku kuba ukubeka abantwana bakho kummandla womngeni kuyindlela yokukhuthaza ukufunda ubomi bonke babo.

“Unetalente ngenene yokubhala. Kufuneka uthathe iklasi yokubhala ngobuchule kuba ulichule kubo.”

Ungakutsho oku kuba ukuba ukhuthaza abantwana bakho ukuba benze oko banobuchule bokukwenza, baya koyika ukuthatha imingcipheko nokufunda izinto ezintsha.

Hayi oko

“Ungumntwana ophaphileyo!”

Ungakutsho oku kuba kubenza bacinge ukuba ukuba krekrekrele kuluphawu olusisigxina.

“Kulungile. Mhlawumbi ayikufanelanga le nto!”

Ungakutsho oku kuba kwenza abantwana bakho bacinge ukuba abakwazi kuphucula.

“Ikufanele loo nto!”

Ungakutsho oku kuba kwixesha elilandelayo umntwana wakho engaphumeleliyo okanye esenza impazamo, banokucinga ukuba abanayo loo talente ngaphaya koko.

“Yayinzima kakhulu loo nto. Ndiyavuya kakhulu le nto idlulile yaye akukho mfuneko yokuba wenze loo nto kwakhona.”

Ungakutsho oku kuba kuya kusoloko kukho imingeni emininzi, yaye abantwana kufuneka bazive benezixhobo zokujongana nokuya.

“Ayilunganga loo nto. Ingaba uyakwazi ukumilisela ingqondo xa useklasini? Kukhangeleka ngathi akuzami nkqu nokuzama.”

Ungakutsho oku kuba impendulo yokulwa okanye ukusaba inokumthintela umntwana wakho ekwenzeni owona mzamo ubhetele kakhulu eklasini.

